

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English / isiXhosa

February 2022 Edition 1

Hats off to the Class of 2021

Despite the challenges faced by the matric class of 2021 due to the Coronavirus Disease (COVID-19), they achieved a pass rate of 76.4%, earning the praise of President Cyril Ramaphosa.

This is an improvement of 0.2% from the pass rate of 76.2% achieved by the class of 2020.

Announcing the results of the National Senior Certificate (NSC) exam results recently, Basic Education Minister Angie Motshekga said 537 687 candidates passed the 2021 NSC exams.

“The number of candidates qualifying for admission to Bachelor studies at universities, is 256 031 – an improvement of 21.4% from 2020. This represents 36.4% of the total number of candidates who wrote the 2021 NSC exams,” the Minister



■ The Matric Class of 2021 was applauded on their success with the overall pass rate at 76.4%.

added.

The number of candidates who achieved Diploma passes stood at 177 572, while 103 859 candidates

achieved Higher Certificate passes.

“We must state that KwaZulu-Natal and Gauteng contributed the most Bache-

lor passes in the combined Bachelor passes of 117 704, which is equivalent to 46.0% of the overall Bachelor passes nationally.

“It is important to note that a total of 433 603 candidates – equivalent to 61.6% who achieved Bachelor and Diploma passes, are now eligible for studies at Higher Education Institutions. The 103 859 candidates – equivalent to 14.7% - who obtained Higher Certificate passes, may register at TVET and other skills training institutions,” the Minister added.

She applauded the Class of 2021 for their achievement, saying they were most impacted by the COVID-19 pandemic after enduring two years of harsh exposure to the virus and disruptions.

Minister Motshekga said that for the past 10 years, the NSC pass rates have consistently increased, from 60% in 2009, to above 70% in recent years.

President Ramaphosa also congratulated the Class of 2021 on their success.

“We applaud the multiple successes and improvements recorded by learners during the second year of challenges presented by COVID-19.

“Equally commendable is the support given to learners by educators and parents who made sacrifices of their own and placed the interests of learners ahead of their own concerns,” he said.

SAnews.gov.za

Free training and services for businesses

Page 6

STAY SAFE

VACCINATE TO SAVE SOUTH AFRICA

TOGETHER WE CAN BEAT CORONAVIRUS

New shelters to support GBV survivors

Page 5

To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:

Available on the Google play

Available on the App Store


Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US

Website: www.gcis.gov.za Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083



"LIFIKILE IXESHA LOKUBA SISEBENZE
NGOKUBAMBISANA, EGAMENI
LIKANELSON MANDELA, SAKHE UMZANTSI
AFRIKA OMTSHA NONGCONO OZA
KUXHANYULWA NGUMNTU WONKE."

UMONGAMELI CYRIL RAMAPHOSA

#SendMe

SIKWAKHELA IKAMVA ELIQAQAMBILEYO
SIHAMBA EKHONDWENI LIKAMADIBA



Masisebenzisane ukomeleza ulawulo lwentando yesininzi



Njengokuba uMzantsi Afrika ungena kunyaka omtsha, ujongene neziganeko ezibini ezinzulu ezisikhumbuzo ngeendlela ezahlukeneyo, into esidibanisayo.

Ngosuku lokuqala luka-2022, isizwe sahlangana ukuthi ndlela-ntle kuBhishophu Omkhulu u-Desmond Tutu e-St George's Cathedral, eKapa.

Ibilixesha elibuhlungu kakhulu sikhumbula ubomi kunye negalelo leqabane elithandekayo, nowaye sisazela, ngeendlela ezininzi, zokuziphatha sisizwe.

Kwaxeshanye, umngcwabo wakhe ibungumbhiozo wezinto ebezimele. Ibingumbhiozo womanyano kunye nehlobo abantu bethu abohlukene ngalo, kwaye ibisisikhumbuzo sokuzincama okwenziwa ngabantu ukufezekisa le ntando yesininzi yethu.

Ngosuku lwesibini luka-2022, ilizwe labukela lunxunguphele umlilo omkhulu owawutshi-

sa iPalamente yethu, kungama nje olikhulu leemitha ukusuka apho sasidibanele khona kusu-ku olungaphambili sinika imbeko yethu yokugqibela kuBhishophu Omkhulu uTutu.

Sixolile ke noko kuba akukho mntu wabhuhayo kwaye akukho mntu wonzakalayo kulo mlilo. Sibulela kakhulu kubacimi-mlilo abathe balwalo mlilo baze bawucima ekugqibeleni.

Uphando ngonobangela walo mlilo luyaqhuba. Kufuneka siqinisekise ukuba olu phando lwenziwa ngokugqibelelelo kwaye luyaqunjelwa ngaphandle kolibaziseko. Ilizwe kufuneka lazile ukuba kwenzeka ntoni.

Amalungiselelo enziwe ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yePalamente iyaqhuba nokuba izakhiwo azinakusetyenziswa. Kubalulekile ukuba iPalamente iqhubeke ithathe ingqalelo kwaye ipasise imithetho eza kuguqula uluntu kwaye iqhubeke ukubeka iliso nokuqinisekisa uxanduva njengoko

urhulumente esebenzela ukuphumeza isigunyaziso asifumene ebantwini.

Ngaphandle kokuba kufutshane kwe-St George's Cathedral kunye nePalamente, into edibanisa le misitho mibini kukuba umsitho ngamnye usikhumbuzo ngeyonanto isidibanisayo njengabemi boMzantsi Afrika: intando yesininzi yethu.

Simzilele u-Desmond Tutu kuba ebengutata osibonisa indlela malungentando yesininzi yethu.

Sikhathazekile ngokunakala kwezakhiwo zethu zasePalamente kuba zizisihlalo sentando yesininzi yethu.

Ziyindawo apho uMgaqo-siseko wethu omtsha wentando yesininzi wamkelwa khona kwisithuba nje seminyaka engama-25 eyadlulayo, nalapho amakhulukhulu emithetho yethu yenguqu iye yapasiswa khona.

Sisenongasoloko siyiqaphela loo nto, kodwa umlilo wasePalamente ubonise indlela abaziva ngayo abemi boMzantsi Afrika ngentando yesi-

ninzi yabo.

Kukwasisikhumbuzo sokuba kubaluleke kangakanani na ukuba sisebenzele ukomeleza nokukhusela le ntando yesininzi.

Ngelixa izakhiwo zePalamente zonakaliswe ngapha kweqondo lokusebenziseka kwakhona, iziko lePalamente liyaqhuba nomsebenzi walo wokunceda abantu.

Esi sisikhumbuzo esibalulekileyo sokuba amaziko ethu entando yesininzi awazozakhiwo, kodwa angumsebenzi owenziwayo kunye nethemba abantu abanalo ngakuwo.

Oku kuyinyaniso kuwo onke amaziko ethu entando yesininzi.

Kanye xa ucinywa umlilo ePalamente, iBambela leJaji eyiNtloko u-Raymond Zondo ungenise inxalenye yokuqala yengxelo yeKomishini yoPhando ngokuThathwa koMbuso.

Le nxalenye yengxelo inika iinkcukacha ngeendlela amaziko oluntu amaninzi athe angenwa ngayo, aphantwa kwaye onakaliswa kakhulu.

Oku kuquka amashishini karhulumente afana neZiko loMoya loMzantsi Afrika, iNkqubo yoNxibelelwano loLwazi luka-Rhulumente kunye ne-Nkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika.

Le nxalenye yale ngxelo izoba umfanekiso okhathazayo kakhulu, wendlela apho amaziko abalulekileyo entando yesininzi athi afakwa engozini kwaye ajongelwa phantsi ngenjongo yolwaphulo-mthetho.

Akubiwanga nje izixazemali kuphela, kodwa la maziko awakwaza-

nga kuzalisekisa ngokufanelekileyo imisebenzi ayemiselwe yona.

Iziphumo kunye nezindululo zeKomishini ka-Zondo ziza kunceda ilizwe ukuba liwakhe ngokutsha la maziko kwaye libambe abobanoxanduva lokuphendula.

Kufuneka siqinisekise ukuba siyazisebenzisa ukuze sikhusele la maziko nakwixesha elizayo angaphinde athinjwe.

Kufuneka sizikhusele kuzo zonke iinzame zokuthothisa intando yesininzi yethu esiyizuze nzima – nokuba ezi nzame zikwihlobo lorhwaphilizo kumashishini karhulumente, ukubhukqa ii-arhente zethu zogcinomthetho, ukonakaliswa kweziseko ezingundoqo zoqoqosho, okanye ukuhlase-lwa kwenkululeko kunye nobulungisa beenkundla zethu zamatyala.

Kufuneka sikhusele uMgaqo-siseko wethu, urhulumente wethu wentando yesininzi kunye nenkqubo yonyulo kuye nabani na ofuna ukwenza buthathaka intando yesininzi yethu; avimbe abantu boMzantsi Afrika inkululeko yabo abayizuze nzima.

Mininzi imingeni ekufuneka siqwebisene nayo nje ngoko sisebenzela ukwakha ngokutsha kwaye sibuyisele esimeni izinto emva kokuthwaxwa ngubhuhane we-COVID-19.

Xa sisenzenjalo, masifumane amandla kunye nenkuthazo kukuzinikelela kwintando yesininzi yethu kunye naku-mnqweno wethu wokwakha isizwe esimanyeneyo, esikhululekileyo nesilinganayo.

Ndininqwenelela okuhle kodwa kulo nyaka siwungenayo.

Uqeqesho lwasimahla kunye neenkonzoz ezenzelwe amashishini **YINKQUBO ENGASEBENZISI** maphepha kwaye inkampani iya kubhaliswa kwiiyure ezinga ma-24 ingenisiwe.



Kgatiso Tlhakole

Amaqumrhu amathathu karhulumente agxile ekuncediseni ukuba kube lula ukwenza ushishino eMzantsi Afrika ukuze kukhule uqoqosho.

Iintetho nge-intanethi zakutshanje ze-*Vuk Talks*, ebezibanjwe yiNkqubo yoNxibelelwano loLwazi lukaRhulumente, zabanjelwa ukwazisa ngesigunyaziso, imigaqo-nkqubo kunye neenkonzoz ezinikezwa yiKomishini yokuBhalisa iNkampani nobuGcisa beNgqondo (i-CIPC), iNkundla yeeNkampani (i-CT) kunye neKhomishini yokuXhotyiswa kwabaMnyama ngokuBanzi kwezoQoqosho (i-B-BBEE).

Onke la ngamaqumrhu eSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano.

Ngokutshiwo ngu-Ofentse Shakung, uMphathi we-CIPC wokuSungulwa kwezinto ezintsha kunye neNtsebenziswano kunye noMlawuli we-*E-learning*, i-CIPC inemisebenzi eyahlukeneyo, equka ukubhaliswa kweenkampani, umanyano lwamashishini kunye namalungelo obunini bempahla

(iimpawu zorhwebo, amalungelo awodwa omenzi wempahla, uyilo kunye nelungelo lokushicilela).

I-CIPC iphuhlise iqonga layo le-*BizPortal* ukuze kubhaliswe iinkampa ni kunye neenkonzoz zayo kwi-intanethi, oku kukwenza lula inkqubo yokubhalisa ishishini kunye nokuthobela izinto ezifunwayo.

I-*BizPortal* inika abo bafuna ukuqalisa ishishini iqonga eliphelileyo lokubhalisa inkampani, ukubhali sela irhafu, ukubhalisa igama, ukufaka isicelo sesatifikethi se-B-BBEE, ukubhalisa kwiNgxowa-mali yeMbuyekezo kunye neNgxowa-mali ye-Inshurensi yokungaSebenzi, kunye nokuvula i-akhawunti yebhanki yeshishini.

“Yinqubo engasebenzisi maphepha kwaye inkampani iya kubhaliswa kwiiyure ezingama-24 ingenisiwe.

Sikwangeze iinkonzoz zeshishini lika-*Google*, ezenza ukuba iinkampani zifumane iprofayile yeshishini kunye newebhusayithi yenkampani ku-*Google* simahla,” utshilo u-Shakung.

Ukusebenzisa ezinkonzoz, yiya ku-*www.*

bizportal.gov.za ucofe ku-‘register’ ophezulu kwephepha elo.

I-portal ilula ukuyiphendla-phendla kwaye ichaza ngendlela yokubhalisa ishishini.

Uqeqesho lwasimahla

I-CIPC isandu kuphehlelela iqonga loqeqesho lasimahla kwi-intanethi i-*Learn-i-Biz* ukunceda abalawuli bamashishini amancinci, aphakathi kunye nasakhasayo kunye noosomashishini ukuze bakuhlise izakhono zabo zokuqhuba amashishini anempumelelo, ngelixa beqinisekisa ukuba bathobela iimfuno zomthetho.

Eli qonga sisikhokelo sokufunda esidijithali kwaye sibandakanya izifundo zezidiyo kunye nokuzivavanya kwimodyuli nganye kwezi zisixhenxe,” utshilo u-Shakung.

Iimodyuli zibandakanya uqeqesho lokuba yintoni inkampani kunye nomlawuli, abantu abaphambili kwinkampani, uxanduva lomlawuli, umdla wobuqu kwezizimali kunye nokungqubana kwemidla, umvuzo wabalawuli nokwabelana ngeenzuzo kunye nabalawuli bebhodi.

Ukubhalisela uqeqesho, yiya ku-*www.elearning@cipc.co.za*.

INkundla yeeNkampani

UGqr Mohammed Chicktay, uSihlalo we-CT, ucacise wathi eli qumrhu linceda ngokunika isisombululo esikhawulezayo kwiimbambano zenkampani, ezinxulumene nezicelo kunye nezikhhalazo ezenziwe ngokoMthetho weNkampani Nomb. 71 ka-2008.

Oku kuquka iimbambano ezinxulumene namagama eenkampani, ulawulo kunye nokukhululwa ekusekeni iikomiti zentlalo kunye nezokuziphatha.

Ikwahlola izaziso zokuthobela ezikhutshwe yi-CIPC, ezimalunga nokwandiswa kwexesha lokulungiselela iingxelo zemali zonyaka kunye nokubiza iintlanganiso zikawonke-wonke zonyaka.

“I-CT ijongene nezicelo ezahlukeneyo. Umzekelo, ngexesha le-*COVID-19*, sifumene izicelo ezininzi zokwandiswa komhla wokubiza intlanganiso kawonke-wonke yonyaka,” utshilo u-Chicktay.

Enye inkonzoz yasimahla enikezwa yi-CT kukusombulula imbambano.

Umntu angathumela umba ukuba usonjululwe ngolamlo, ngoxolelwaniso okanye ngokwahlulwa, njengenye indlela yokuya enkundleni.

I-CT isebenza njengomququzeleli phakathi kwamaqela.

“I-CT ikhuthaza ukulamla ukuze kugcinwe imisebenzi, ngakumbi ngelishesha le-*COVID-19*, kwaye abantu maba-

qale ukuyisebenzisa ngakumbi,” utshilo u-Chicktay.

Ukufumana ulwazi oluthe vetshe malunga neenkonzoz ezinikezwa yi-CT www.companiestribunal.org.za

IKhomishini ye-B-BBEE

Ngokutshiwo nguLindiwe Madonsela, uMphathi oMkhulu wokuThobela weKomishini ye-B-BBEE, igunya lequmrhu kukubeka esweni, ukulawula kunye nokukhuthaza ukuthotyelwa koMthetho we-B-BBEE Nomb.46 ka-2013.

Ikwaphanda ngezenzo zokwenza kubonakale ngongathi kuphethe abantu abantsundu; ijolise ekwandiseni ulwazi kunye nokukhuthaza ukuqondisa uluntu nge-B-BBEE, ngokuthi yenze amanyathelo okufundisa nawokuqondisa; kwaye inika isikhokelo eluntwini.

Nawuphi na umntu okrokrelayo okanye onolwazi ngokunyhashwa kwalo Mthetho, njengendawo apho abantu abantsundu besetyenziswa ngongathi baphethe kusenziwa iinzame zokuphumeza amanqaku e-B-BBEE, unokufaka isikhhalazo kwikomishini.

Umzekelo, abasebenzi abakwiqumrhu basenokuba bayazi ukuba iqumrhu elo lisebenzisa abantu abamnyama ngongathi ngabo abanini-zabelo okanye abaphathi, ngelixa kungenjalo, utshilo uMadonsela.

Ukufumana ulwazi oluthe vetshe ngeKomishini ye-B-BBEE, tyelela www.bbceecommission.co.za.